



IBANGA

1

INCWADI  
YOMFUNDI

# Platinum

Izakhono zoBomi

J. Mansfield • S. Mahomed • L. Shaw • C. Gleeson-Baird

Platinum Izakhono Zobomi Ibanga 1 Incwadi Yomfundi

Maskew Miller Learning  
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenywe yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, iigcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenywe yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za. Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za.

Ishicilelwe ngowama- 20XX

ISBN 978-1-779-83502-4  
EPDF ISBN 978-1-834-99078-1

Umpapashi ngu Mhlali Ndzendze  
Umhleli olawulayo ngu Ru Bailey  
Yahlelwa ngu Judith Magele  
Umhandle wencwadi uyilwe yi MML Visual Design  
iNcwadi iyilwe yi MML Visual Design  
Imifanekiso ngu Chamique Johnson, MML Visual Design, Robin McBride, Raphael Njoroge, Bennie Kruger, Fungai Mudimu, Angie Bowring, Patrick Latimer, Susie Appleby, Tebatso Machaba, Ken Etberg, Ronell Lareman, Izak Vollgraaf, Danielle Albertyn, Kobus Galloway  
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa ngu The Icon Agency  
Ishicilelwe ngu

### Imibulelo

Umbhali (ababhali) kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa Kwemifanekiso:

p49b, sundaemorning/123RF; p49c, vystekphotographie/123RF; 76c, peopleimages12/123RF; 76d, peopleimages12/123RF; p93b, gianlucapiccin/123RF; p93e, lexmomot/123RF; p108c, newgena/123RF; p110, sdart/123RF; p112b, jangobeat/123RF; p112c, sarahdoow/123RF; p112d, sunshineseeds/123RF; p128b, digicomphoto/123RF; p128c, fvphotography/123RF; p129a, sereznii/123RF; p129b, sereznii/123RF; p129c, galsand2/123RF; p129d, poko42/123RF; p133, sdart/123RF; p135a, jat306/123RF; p135b, grynold/123RF; 135c, erstudiostok/123RF; 136a, petert/123RF; 140c, idmanjoe/123RF; 140f, photonaatoy/123RF; 140g, sergey0506/123RF; 140i, supermatos/123RF; 140m, lightkeeper/123RF; 146a, macrovector/123RF; 146c, djvstock/123RF; p172, jemastock/123RF;

### Shutterstock

p13c, PEPPERSMINT; p13e, Shutterstock; p13g, Kanghophoto; p13h, Shutterstock; p13i, Shutterstock; p13j, PixelsMD Production; p16a, Evgeny Atamanenko; p16b, Vadym Lavra; p16c, ArtHeart; p16d, alazur; p16e, Kristin F. Ruhs; p22a, Marinchev Viacheslav; p22c, SAMONNOY; p24a, Mix Tape; p24b, ClassicVector; p24c, Passion-pearl; p28, jsabirova; p33a, mr.staphylococcus aureus; p33b, Dualororua; p40a, fizkes; p40b, Odua Images; p47a, Picture-Xpress; p47b, CristinaM\_23; p49a, rbkomar; p49d, Lucky Business; p49e, SeventyFour; p49f, Alberto Cotilla; p59c, Dikushin Dmitry; p58b, megaflopp; p59b, Venkatesa Perumal; p58a, wavebreakmedia; p59a, Roman Samborskiy; p63b, Mr.Teerapong Kunkaeo; 63d, Mr.Teerapong Kunkaeo; p64b, Roman Chazov; p68a, fizkes; p68b, AYO Production; p68c, Ground Picture; p69, Your\_universe; p70a, Tenstudio; p70b, Colorfuel Studio; p70c, Mark Skitsky; p70d, BlueRingMedia; p70e, Dualororua; p75b, Vector Club; p75b, Victor Brave; p75c, Colorfuel Studio; 76a, PeopleImages.com - Yuri A; 76b, Lucian Coman; 83e, afnandji8999; p84c, Ali\_Cobanoglu; p87, Roman Chazov; p90a, Art\_Volkusha; p90b, David Michael Bellis; p90c, Vortex525; p93a, Klever Level; p93c, Krysek; p93d, Reshetnikov\_art; p107a, Peter Turner Photography; p108a, Africa Studio; p108b, monticello; p108e, Marcin Osman; p108f, Ryzhkov Oleksandr; p108g, Agami Photo Agency; p109a, Taras Grebinets; p109b, BurntImagesLLC; p109c, Ondrej Prosicky; p112a, Vaclav Sebek; p113b, Jakaphop Rungrot; p115b, Pisut chounyoo; p115c, Agami Photo Agency; p123a, Zoom Team; p123b, pp1; p123c, yevgeniy11; p123d, MaraZe; p123f, Clara Bastian; p123g, StockMediaSeller; p123h, yas\_creative; p123k, MaraZe; p128d, Timmary; p130a, Aninka Bongers-Sutherland; p130b, Thao Lan; p130c, Axel Mel; p134a, xNick; p134b, Javier Catano Gonzalez; p134c, EditheVideo; p134d, Frank Fennema; p136b, xNick; p136c, Javier Catano Gonzalez; p136d, Day Of Victory Studio; p136e, Yuri Orgunov; p138a, Piotr Piatrouski; p138b, Hyserb; p138c, anandoart; p139a-e, anandoart; p140a, iphotosmile; p140b, alexgo.photography; p140d, Stokkete; p140e, Camp1994; p140h, Justin Beyerlin; p140j, Skrypnikov Dmytro; p140k, U. J. Alexander; p140l, Bannafarsai\_Stock; 140n, Evannovostro; p141, Sanches11; p143, Sanches11; p146b, Black Creator 24; p146d, haraki project; p158b, Komsan Loonprom; p158c, FamVeld; p160b, David Michael Bellis; p160c, Prostock-studio; p161a, AngelaAllen; p161b, Douglas Cliff; p162a, New Africa; p162b, Vlyaks; 162c, CL Shebley; 162d, Douglas Cliff; 162e, tawanroong; p166a, Anastacia - azzzya; p166b, Rodrigorc; p168a, KK.KICKIN; p168b, SureeNah; p168c, nednapa; p169, Istomina Olena; p171, KK.KICKIN; p176a, Javier Catano Gonzalez; p176b, xNick; p176c, EditheVideo; p177a, SureeNah;

Umbhali (ababhali) kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa kwezixhobo zokukhuphela: p92, Sockeye Media LLC;

# Wamkelekile kwindlela yethu entsha yokuFunda

Mfundi othandekayo,

Siyakwamkela kule ncwadi yokufunda ebangela umdla! Uya kudibana nabantu abamangalisayo; kwaye njengokuba umntu ngamnye ebalulekile ngendlela yakhe, nawe ubalulekile!



Thabo



Tuck Shop Lady



Lily



Sahil



Tebogo



Amina



Zara



Lulama



Lina



Aiden



Khaya

Kulencwadi yakho eyonwabisayo kukho izinto ezizakunceda ukonwabele ukufunda ufundisisa.

**Masiqale:** Isihloko ngasinye siqala ngolwazi olubalulekileyo oza kufunda ngalo.

**Ixesha lokuphonononga:** Imisebenzi eyonwabisayo ekukhuthaza ukuba uhlolisise iingcamango ezintsha, ufunde ngezinto ezibangela umdla kwaye usombulule iiphazili.

**Amagama amatsha:** Funda amagama amatsha, aza kukunceda ekphuculeni indlela osithetha ngayo isiXhosa.

**Makhe sijonge:** Ukuze ukuvuyele okufundileyo kulencwadi, yenza umsebenzi osekupheleni kwesihloko ngasinye.

**Uhlolo Olusesisekweni:** Qho emva kweenyanga ezintathu kuzakubakho uvavayo, lokuhlola indlela oye waziva ngayo izinto ezifundisiweyo.

Le ncwadi izakunceda ukwazi ukuzisebenzela wedwa, nokusebenza namaqela. Uzakufumana ithuba lokucula nokudanisa ufunde ngaxeshanye. Qiniseka ngokulungiselela zonke iiklasi kwaye ubuze utitshala wakho imibuzo xa ungacacelwanga. Zimisele ukuba uzakufunda, udlale kwaye wenze nabahlobo abatsha.

Ukonwabele ukufunda.

# Isiqulatho

## Ikota yoku-1

<b>Isihloko soku-1 Malunga nam</b> .....	1
Iinkcukacha zobuqu.....	2
Sikhethekile kwaye sahlukile .....	3
Izinto endinokuzenza .....	4
Ngaba ndifana njani nabahlobo bam? .....	5
Ngaba ndohluka njani kubahlobo bam .....	6
Makhe sijonge.....	7
<b>Isihloko sesi-2 Esikolweni</b> .....	8
Igama lesikolo, utitshala kunye nenqununu .....	10
Apho ufumana khona iindawo ezahlukileyo esikolweni .....	11
Imisebenzi yesiqhelo nemithetho yegumbi lokufundela .....	13
Ndiya njani esikolweni?.....	15
Makhe sijonge.....	17
<b>Isihloko sesi-3 Iindlela zokuphila ezisempilweni</b> .....	18
Ukulala .....	20
Ukutya okusempilweni .....	21
Ukusebenzisa ngokufanelekileyo igumbi langasese .....	22
Ukuzigcina ucocekile .....	23
Ukuzilolonga rhoqo nokudlala .....	24
Makhe sijonge.....	25
<b>Isihloko sesi-4 Imozulu</b> .....	26
Itshati yemozulu yemihla ngemihla .....	28
Imozulu kunye nathi .....	30
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo .....	32
Makhe sijonge.....	33
<b>Uhlolo Olusesikweni: Ikota yoku-1</b> .....	34

## Ikota yesi-2

<b>Isihloko sesi-5 Usapho lwam</b> .....	36
Yintoni usapho .....	38
Amalungu osapho lwam.....	40
Ukukhathalelana ekhaya.....	41
Makhe sijonge.....	43
<b>Isihloko sesi-6 Ukhuseleko emakhaya</b> .....	44
Iingozi ekhaya .....	46
Iindlela zokukhuseleka ekhaya.....	47
Iindlela zokukhuseleka ekhaya.....	47
Ukuzigcina ukhuselekile xa uwedwa ekhaya .....	48
Ikhadi leenombolo zikaxakeka .....	50
Makhe sijonge.....	51
<b>Isihloko sesi-7 Umzimba wam</b> .....	52
Amalungu omzimba ohlukeneyo ..	54
Amalungu ahlukeneyo omzimba wam ashukumayo .....	56
Amalungu omzimba endingawaboniyo .....	58
Izivo ezihlanu kunye nokusetyenziswa kwazo .....	61
Makhe sijonge.....	63
<b>Isihloko sesi-8 Ukugcina umzimba wam ukhuselekile</b> .....	64
Iimeko neendawo ezikhuselekileyo nezingakhuselekanga .....	66
Iimvakalelo ka'EW' kunye no'HAYI' .....	68
Ukuziqhelisa ukuthi 'HAYI' .....	69
Ukukhusela imizimba yethu kwizigulo .....	70
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo .....	72
Makhe sijonge.....	73
<b>Uhlolo Olusesikweni: Ikota yesi-2</b> .....	74

## Ikota yesi-3

<b>Isihloko se-9 Uluntu lwasekuhlaleni</b> .....	76
Iindawo ezikwindawo	
endihlala kuyo .....	78
Abantu basekuhlaleni .....	80
Ukunakekela amaziko oncedo	
kwindawo yam yokuhlala .....	82
Ukugcina iindawo zicocekile .....	83
Makhe sijonge.....	85
<b>Isihloko se-10 Izilwanyana zasekhaya</b> .....	86
Izilwanyana esinokuzifuya	
emakhaya .....	88
Indlela yokunakekela	
izilwanyana zasekhaya ekhaya.....	90
Ukuphatha izilwanyana kakuhle ...	93
Makhe sijonge.....	95
<b>Isihloko se-11 Ukuhlonipha noxanduva</b> .....	96
Ukubulisa abantu esibaziyo	
nesingabaziyo.....	98
Ukulinda elam ithuba.....	100
Ukubonisa ububele .....	101
Ukunganiseka .....	103
Ukuhlonipha abanye abantu	
nezinto zabo.....	104
Makhe sijonge.....	105
<b>Isihloko se-12 Izityalo nembewu</b> .....	106
Kutheni sizifuna izityalo .....	108
Inkangeleko yezityalo.....	110
Iindidi zezityalo – ukufana	
nokwahluka kwazo .....	112
Imbewu nemvelaphi yayo .....	115
Zifuna ntoni izityalo ukuze	
zikhule .....	116
Ukukhulisa isityalo kwimbewu ....	117
Makhe sijonge.....	119
<b>Isihloko se-13 Ukutya</b> .....	120
Ukutya esikutyayo.....	122
Zivela phi iintlobo zokutya .....	123
Ukutya okusempilweni .....	125
Ukugcina ukutya .....	128
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku	
ezikhethekileyo .....	130
Makhe sijonge.....	131
<b>Uhlobo Olusesikweni: Ikota yesi-3</b> .....	132

## Ikota yesi-4

<b>Isihloko se-14 Amakhaya</b> .....	134
Iindidi zamakhaya .....	136
Izindlu ezilungele iimo zezulu	
ezahlukeneyo .....	138
Amakhaya ethu enziwe	
ngantoni .....	140
Makhe sijonge.....	143
<b>Isihloko se-15 Iimephu zemifanekiso</b> .....	144
Ukufumana iindawo nezinto	
kwimephu yemifanekiso.....	146
Ukufumana indlela esuka	
kwenye indawo uye kwenye .....	148
Ukufumana apho zenzeka khona	
iziganeko zasebalini kwimephu	
yemifanekiso.....	150
Makhe sijonge.....	153
<b>Isihloko se-16 Amanzi</b> .....	154
Imisebenzi yamanzi ekhaya	
nasesikoweni .....	156
Indlela amanzi amoshwa ngazo .	158
Indlela zokonga amanzi.....	159
Amanzi okusela afanelekileyo	
nangafanelekanga .....	160
Ukugcina amanzi ecocekile .....	162
Makhe sijonge.....	163
<b>Isihloko se-17 Isibhakabhaka ebusuku</b> .....	164
Ukutshintsha kwemini kungene	
ubusuku .....	166
Inkangeleko yesibhakabhaka	
ebusuku .....	168
Inyanga .....	169
Inkwenkwezi .....	171
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku	
ezikhethekileyo .....	173
Makhe sijonge.....	175
<b>Uhlobo Olusesikweni: Ikota yesi-4</b> .....	176
<b>Amagama amatsha</b> .....	178

# Isihloko soku-1 Malunga nam



Ndifana ndodwa.

Isihloko soku-1 Malunga nam

## Masiqalise

1. Bangaphi abantwana obabonayo emfanekisweni?
2. Bakhomba kubani?
3. Ingaba bayafana?



## Umsebenzi woku-1

Sebenzani ngababini.



1. Bangaphi abantwana abanenwele ezinombala omdaka?
2. Bangaphi abantwana abanxibe izikipa ezimhlophe?
3. Unjani umbala wehempe enxintywe yinkwenkwe eneehlasi?
4. Nguwuphi kubantwana ongenalo izinyo okanye amazinyo?

## linkcukacha zobuqu

### Umsebenzi wesi-2



Igama lam nguLina.  
Ndihlala kwa-  
10 Main Street,  
eSoweto. Namhlanje,  
ndibhiyozela **usuku  
lwam lokuzalwa.**

Sebenzani ngamaqela.

1. Yitsho ukuba ukhangeleka njani uLina.
2. Ucinga ukuba uneminyaka emingaphi uLina?
3. Uhlala phi uLina?




**Ixesha  
lokuphonononga**

1. Zoba umfanekiso wakho. Bhala igama lakho, ifani, iminyaka yobudala kunye nedilesi.

## Sikhethekile kwaye sahlukile



Inwele zam



Amehlo am



Uncumo lwam

Ndahlukile. Ndikhangeleka ndahlukile kusapho lwam nabahlobo.

### Umsebenzi wesi-3

Zisebenzele ngokwakho.

1. Zixelele: Ndifana ndodwa.
2. Gqibezela isivakalisi ngasinye:
  - a. Ndinenwele ezi \_\_\_\_\_.
  - b. Ndinamehlo a \_\_\_\_\_.
  - c. Ndithanda ukudlala \_\_\_\_\_.



**umhla wokuzalwa** – usuku owawuzelwe ngalo  
**ukwahluka** – ukufana wedwa

Amagama  
amatsha

## Izinto endinokuzenza


Ndinokwenza izinto ezininzi ezahlukeneyo ezenza ndibe ngumntu okhethekileyo.

1 2 3 4



Ndiyakwazi ukubala.

Ndiyazazi izandi ezahlukeneyo zezilwanyana.




Ndiyakwazi ukuchaza iimilo kunye nemibala.

## Umsebenzi wesi-4

Sebenzani ngababini.



1. Ingaba ungazichaza ezi milo kunye nemibala?



2. Zoba unxantathu oluhlaza.

3. Bala ukusuka kwisinye uye kwishumi.




Ixesha lokuphonononga

Chaza izinto **ezintathu** ongakwazi ukuzenza.

# Ngaba ndifana njani nabahlobo bam?

Ezi zizinto ezinokufana nezabahlobo bam.



## Umsebenzi wesi-5

Sebenzani ngababini.

1. Ngowuphi umbala eniwuthanda nobabini?
2. Chaza isiqhamo enisithandayo nobabini.
3. Ngowuphi umdlalo owuthandayo?
4. Ungakwazi ukufumana umntu onamehlo anombala afana nawakho eklasini yakho?



# Ngaba ndohluka njani kubahlobo bam



## Ixesha lokuphonononga

1. Zintoni ezifanayo ngabahlobo ababini abakumfanekiso woku-1?
2. Yintoni **eyohlukileyo** phakathi kwamantombazana amabini akumfanekiso wesi-2?
3. Ngaba abahlobo ababini abakumfanekiso wokugqibela bayathanda ukwenza izinto ezifanayo?

**yahlukile** – xa into ingafani  
**idilesi** – indawo ohlala kuyo

Amagama  
amatsha

## Makhe sijonge

1. Bhala phantsi igama lakho nefani.
2. Uneminyaka emingaphi ubudala?
3. Luthini usuku lwakho lokuzalwa?
4. Ithini idilesi yakho?
5. Chaza into ibenye othanda ukuyenza.
6. Zoba umfanekiso wakho kunye nomhlobo wakho.





Ukuqalisa usuku lwethu esikolweni.

## Masiqalise

Jonga umfanekiso.

1. Yintoni oyibonayo phambi kwesakhiwo **sesikolo**?
2. Benza ntoni **abafundi** xa befika esikolweni qho kusasa?
3. Uya ngaliphi ixesha losuku esikolweni?



## Umsebenzi woku-1

Zisebenzele ngokwakho.

1. Zizobe unxibe **iyunifomu** yesikolo sakho.
2. Bhala igama lesikolo sakho phantsi komfanekiso.



**Ixesha  
lokuphonononga**

Yintoni oyithandayo ngesikolo sakho?

**isikolo** – apho umntu ayakhona ukuze afunde

**umfundi** – umntu ohamba isikolo

**iyunifomu** – impahla ezikhethekileyo ezinxitywa esikolweni

**Amagama  
amatsha**

# Igama lesikolo, utitshala kunye nenqununu

## Umsebenzi wesi-2



UMnu. Mpho, yinqununu yethu. Ubulisa abafundi bebanga loku-1. Utitshala wethu nguNksk. Brown.



Sebenzani ngamaqela.

1. Ngubani igama lenqununu?
2. Ngubani igama likatitshala?
3. Yenza ntoni inqununu yesikolo?



**Ixesha lokuphonononga**

Ngubani igama likatitshala nenqununu yakho?

**inqununu** – umntu ophethe isikolo

**utitshala** – umntu okhethekileyo okunceda ukuba ufunde izinto ezintsha

**Amagama amatsha**

# Apho ufumana khona iindawo ezahlukileyo esikolweni



Ibala lokudlala



Inqununu




Iofisi yesikolo



Iholo lwesikolo



Amagumbi angasese




Igumbi lokufundela



**Ixesha lokuphonononga**

Jonga **imephu** yesikolo.



1. Bala izitephusi eziya kwiofisi yenqununu.
2. Bala izitephusi eziya kwigumbi langasese.
3. Bhala phantsi izitephusi.
4. Biza iindawo ezingekhoyo eninazo nina esikolweni sakho?

**igumbi lokufundela** – igumbi apho ziqhutyelwa khona izifundo

**ibala lokudlala** – indawo yokudlala ngaphandle

**imephu** – umfanekiso obonisa apho zikhoyo iindawo

Amagama amatsha

# Imisebenzi yesiqhelo nemithetho yegumbi lokufundela



## Umsebenzi wesi-3



Sebenzani ngababini.

Jonga imifanekiso ekwiphepha l3.

Kwincwadi yakho yokubhala, tshatisa inombolo yomfanekiso nento eyenziwayo engezantsi.

Eyokuqala sele uyenzelwe.

- |    |                               |
|----|-------------------------------|
| 10 | Ixesha lokugoduka             |
|    | Ukuma ngomgca                 |
|    | Ukukhupha izinto kwibhegi yam |
|    | Ixesha lesidlo sasemini       |
|    | Bulisa utitshala wam          |
|    | Xhoma ibhegi yam              |
|    | Intsimbi iyakhala             |
|    | Ixesha lakwibala lokudlala    |
|    | Qalisa ukusebenza             |



### Ixesha lokuphonononga

Ingaba iklasi yakho inayo imithetho?

Xela imithetho yeklasi **emibini** ekufuneka uyilandele.



**isiqhelo** – ukwenza into ngendlela enye yonke imihla  
**imithetho** – indlela abantu okanye umntu afanele ukuziphatha ngayo


## Ndiya njani esikolweni?




UJames noSipho bahamba ngenyawo ukuya esikolweni.



UMeike ukhwela ibhayisekile ukuya esikolweni.



UFrances, Josh noKaylee baya ngeteksi esikolweni.



UHlonelwa noBuhle bakhwela imoto katata wabo.



UAbdullah uya ngebhasi esikolweni

## Umsebenzi wesi-4

Sebenzani ngamaqela.



Aba bantwana baya njani esikolweni?


1. UHlonelwa noBuhle
2. UAbdullah
3. USipho noJames
4. UMeike
5. UFrances, uJosh noKaylee



**Ixesha  
lokuphonononga**

1. Uya njani esikolweni?
2. Zeziphi ezinye iindlela abangazisebenzisa abantwana ukuya esikolweni?

## Makhe sijonge



Zisebenzele ngokwakho.

Gqibezela izivakalisi.

1. Ndiya esikolweni e \_\_\_\_\_.
2. Igama lenqununu yam ngu \_\_\_\_\_.
3. Igama likatitshala wam ngu \_\_\_\_\_.
4. Isithuthi endisisebenzisayo ukuya esikolweni \_\_\_\_\_.

Phendula Ewe okanye Hayi.

1. Ndingayifumana indlela eya esikolweni.
2. Ndiyalazi apho likhoyo ibala lokudlala.
3. Iofisi yenqununu ikude usuka kwigumbi lokufundela lam.
4. Amagumbi angasese akufutshane kwigumbi lam lokufundela.
5. Isikolo sam sinethala leencwadi.



# Isihloko sesi-3 lindlela zokuphila ezisempilweni



Indlela yokuphila **esempilweni**.

## Masiqalise

Imikhwa esempilweni iwulungele umzimba wakho.  
Yile:

Ukutya ukutya  
okusempilweni

Ukulala  
ngokwaneleyo

Ukuzilolonga  
nokudlala

Ukugcina  
imizimba  
yethu  
icocekile

## Umsebenzi woku-1

Sebenzani ngamaqela.

1. Kutheni kufuneka sihlambe amazinyo imihla yonke?
2. Jonga kwimifanekiso. Nguwuphi umkhwa osempilweni ekumele siwenze imihla yonke?



**Ixesha  
lokuphonononga**

Kutheni ukulala ingumkhwa obalulekileyo osempilweni?


**umkhwa** – into  
oyenza imihla  
yonke

**indlela yokuphila** – uphila  
njani

**Amagama  
amatsha**

## Ukulala

Ukulala kubalulekile kakhulu kwimizimba yethu kuba:



Ukuze ulale ngokusempilweni, kufuneka ube sebhedini ngentsimbi yesibhozo.

### Umsebenzi wesi-2

Zisebenzele ngokwakho.

1. Zoba umfanekiso wakho ulele.
2. Bhala phantsi into ocinga ukuba iyenzeka emzimbeni wakho xa ulele.




**iintsholongwane** – izinto ezincinci eziphilayo esingakwaziyo ukuzibona. Zingaluncedo kwimizimba yethu kanti kananjalo zingesenza ukuba sigule.

Igama elitsha

## Ukutya okusempilweni

Ukutya ukutya okusempilweni kukunceda ukhule womelele.

Ukutya okusempilweni kuquka iziqhamo, inyama nemifuno.



### Umsebenzi wesi-3

Sebenzani ngamaqela.

1. Yenza ipowusta yokutya ebonisa konke ukutya okusempilweni namashwamshwam owaziyo.
2. Ungazoba imifanekiso okanye uyisike kwiphephandaba okanye kwimagazini uze uyincamathisele kwipowusta yakho.
3. Bonisa abafundi ofunda nabo eklasini ipowusta yakho.



**Ixesha  
lokuphonononga**

Biza zonke iziqhamo nemifuno oyaziyo.

## Ukusebenzisa ngokufanelekileyo igumbi langasese

Nokuba sisekhaya okanye sisesikolweni, kusenokufuneka sabelane ngegumbi langasese nabanye abantu. Kubalulekile ukuba ufunde imikhwa efanelekileyo yegumbi langasese.



Soloko ushiya indawo yegumbi langasese icocekile emva kokuyisebenzisa.



Musa ukumosha iphepha legumbi langasese.



Hlamba izandla zakho rhoqo emva kokusebenzisa indlu yangasese.

### Khumbula uku:

Gungxula emva kokuba usebenzise indlu yangasese kunye nokuvala itephu emva kokuba ugqibile ukuhlamba izandla zakho.





**Ixesha lokuphonononga**

Ukuba igumbi langasese alicocekanga, kufanele wenze ntoni?

# Ukuzigcina ucocekile

Imizimba yethu siyigcina icocekile ngokwenza ezi zinto:



## Umsebenzi wesi-4

Sebenzani ngababini.



1. Thetha ngoko kwenzekayo kumfanekiso.
2. Uwugcina njani ucocekile umzimba wakho.
3. Uwahlamba nini amazinyo akho?
4. Kutheni kubalulekile ukuba siyigcine icocekile imizimba yethu?

## Ukuzilolonga rhoqo nokudlala

Gcina umzimba wakho usempilweni ngokuzilolonga nangokudlala.

Nazi ezinye iindlela esidlala ngazo kwaye **sizilolonge**:



Ukudlala imidlalo



Ukufunda iincwadi



Ukwenza ezobugcisa

### Umsebenzi wesi-5

Sebenzani ngababini.



1. Kokuphi ukuzilolonga othanda ukukwenza?
2. Uzilolonga kangaphi ngeveki?
3. Ngowuphi umdlalo owudlalayo esikolweni?



**Ixesha lokuphonononga**

Ngaba ukubukela umabonakude ngalo lonke ixesha ngumkhwa osempilweni?

**Igama elitsha**

**ukuzilolonga** – imisebenzi oyenzayo ukugcina umzimba wakho usempilweni

## Makhe sijonge





Zisebenzele ngokwakho.

1. Zoba yonke imikhwa esempilweni oyenzayo kusasa phambi kokuba uye esikolweni.
2. Yiyiphi imikhwa ebalulekileyo oyenza esikolweni?
3. Xa ndihlamba izandla zam okanye ndihlamba amazinyo am kufuneka ndivale \_\_\_\_\_.



# Isihloko sesi-4 Imozulu



## Masiqalise

Jonga imifanekiso emithathu.

1. Injani **imozulu** oyibona kumfanekiso ngamnye?
2. Zeziphi iimpahla ekufuneka uzinxibe xa kunetha?
3. Uziva njani xa kushushu?
4. Uziva njani xa kubanda?



### Ixesha lokuphonononga

Phuma phandle.

1. Injani imozulu?
2. Zoba into oyibonayo.

**imozulu** – kushushu, kubanda, kukho umoya, kunetha, kunkungu okanye kusibekele kangakanani ngaphandle

Igama elitsha

# Itshati yemozulu yemihla ngemihla


## Umsebenzi woku-1

### Itshati yeMozulu Yemihla Ngemihla



Zisebenzele ngokwakho.

1. Jonga kwitshati yemozulu yentsuku zonke. Thetha ngemozulu oyibonayo.
2. Zoba eyakho itshati yemozulu yantsuku zonke ebonisa ilanga, imvula, umoya namafu.





## Ixsha lokuphonononga

Masenze ukhuphiswano kumadibi amanzi.

Yima emgcezi uze ukhuphisane nabahlobo bakho.

Endaweni yokubaleka, khawube nomfanekiso-ngqondweni  
utsibela emanzini de ufikelele ekugqibeleni.

Oyena mntu utsiba kwidibi ngokukhawuleza uyaphumelela!



# Imozulu kunye nathi

Iholideyi yasebusika kaElethu

UElethu wonwabile. Uza kutyelela eDrakensberg okokuqala ukuze adlale kwikhephu nomama wakhe kunye nomntakwabo, uNathi.

Kwibhegi yakhe, upakishe iiglavu zakhe, ibhatyi epinki, iikawusi ezishinyeneyo neebhutsi ezifudumeleyo.

Emva kokuqhuba ixesha elide, bafika kwiintaba ezinekhephu zeDrakensberg. Umama wamisa imoto waza uElethu noNathi baphuma ngokukhawuleza. UElethu wabamba ikhephu elizele isandla waze wakhwaza emangalisiwe, “Yho, ikhephu liyabanda ngenene! Jonga mama, lenza iiglavu zam zibe manzi!”



## Umsebenzi wesi-2

Phulaphula ibali likaElethu leholideyi yasebusika uze uphendule imibuzo. Sebenzani ngababini.



1. Thetha ngento othanda ukuyitya nokuyisela ngemini ebandayo.
2. Unxiba eziphi iimpahla ngeentsuku ezibandayo.



## Ixesha lokuphonononga

Masenze umnqwazi wekhephu. Utitshala wakho uzakunceda.

Uzakudinga:

- iphepha
- umqhaphu
- iglu yokuncamathelisa
- iikhrayoni.



Umnqwazi wekhephu owenziwe ngephepha nomqhaphu

# Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo

Tameem, kutheni ungatyi sidlo sasemini namhlanje?



Ndizile ukutya namhlanje, Mpho.

Yintoni ukuzila ukutya?

Kaloku, kwinkolo yam sizila ukutya ngeRamadan. Asityi ngexesha lasemini.



Kuhle ukwazi oko. Uyakuphinda utye nini?

Sitya xa litshonile ilanga.

Enkosi ngokundifundisa ngokuzila ukutya, Tameem!



**Ixesha lokuphonononga**

1. Ungachaza inkolo ibenye kweli bali?
2. Ngaba zikhona ezinye iinkolo ozaziyo?

## Makhe sijonge

**Nceda uPeter aphole**

Sebenzani ngababini.

UPeter uziva eshushu. Ufuna ukuzipholisa.







Nceda uPeter afikelele kwi-ayisikrimu.


Yalatha kwi-ayisikrimu.

Yalatha kuPeter.

UPeter ufuna ukuya kwi-ayisikrimu. Landela iintolo ngomnwe wakho ukufikelela kwi-ayisikrimu.



 <b>Gqiba</b>		
 <b>Qala</b>		




# Uhlolo Olusesikweni: Ikota yoku-1



## Umbuzo woku-1

Zoba umfanekiso wakho uze uphendule le mibuzo.

1. Ungubani igama lakho?
2. Ungubani ifani yakho?
3. Uneminyaka emingaphi ubudala?
4. Uhlala phi?
5. Lunini usuku lwakho lokuzalwa?
6. Khetha umbala owuthandayo:




7. Unjani umbala wamehlo akho?

## Umbuzo wesi-2

Zizobe unxibe iyunifomu yakho yesikolo uze uphendule le mibuzo.

1. Bhala igama lesikolo sakho.
2. Bhala igama likatitshala wakho.
3. Ngubani igama lenqununu yesikolo sakho?



### Umbuzo wesi-3

1. Kutheni kufuneka ukuba sibe nemikhwa esempilweni.
2. Thetha ngendlela ofanele uzihlambe ngayo izandla zakho.





### Umbuzo wesi-4

1. Zoba izinto ezintathu ongazitya okanye uzisele ngemini eshushu.
2. Bhala encwadini yakho iimpahla ongazinxiba xa imozulu ibanda.




# Isihloko sesi-5 Usapho lwam



## Masiqalise

1. Ngubani oyena mntu uhlekisayo kusapho lwakho?
2. Bangaphi **abazala** onabo?
3. Ngaba unosapho olukhulu okanye oluncinci?
4. Yeyiphi **imisebenzi** eyonwabisayo oyenzayo nosapho lwakho?



**Ixesha lokuphonononga**

Yintoni usapho?

**abazala** – abantwana boomalume noomakazi bakho

**umsebenzi** – into oyenzayo okanye oyenzileyo

**Amagama amatsha**

## Yintoni usapho

Usapho lwenziwa ngabantu abakhathalelanayo nabathandanayo. Bayancedana futhi bachithe amaxesha akhethekileyo bekunye.

Usapho ngalunye lwahlukile kwaye lunabantu abohlukileyo kulo.

### Umsebenzi woku-1

Sebenzani ngababini.

Mamela ibali lika-Aphiwe.

U-Aphiwe uthanda ukudlala kunye nokuhambahamba epakini kunye noomama bakhe bobabini. Aphiwe nosapho lwakhe bachitha ixesha elininzi bepheka babhake kananjalo. Ngamanye amaxesha, u-Aphiwe utyelela utata omkhulu wakhe amphathele amaqebengwana awabhake noomama bakhe.

